## ABAQASHWE KWINYANGA YE-SILIMELA 2009

### Ye-Silimela 2009

| | |
|---|---|
| Philip Viljoen | Umlawuli woxhaso lwe I.T. |
| Carol Devit | Umphathi-mabala ezemidlalo eGansbaai |
| Ciska Myburgh | Umabhala inqanaba 1 |
| Yotsi | Umsebenzi:kwinkunkuma |
| Wongezile Skame | Umsebenzi: kwinkunkuma |
| Daniel Warren | Usebenzi : Kuthuthonkunkuma |
| S Nkohla | Umsebenzi: endleleni |
| Eoudia Chadinha | Kwicandelo lezemali |
| Lindelwa Gcobo | Umsebenzi ophezulu: lipaka |
| Vuyokazi Sosanti | Umsebenzi ophezulu: lipaka |
| Danver August | Umqhelisi webhola (Gansbaai) wethutyana |
| Sicelo Heukile | Umqhelisi webhola (Gansbaai) wethutyana. |
| Cornelius Avenant | Umqhelisi webhola (Gansbaai) wethutyana. |
| Sophia Byleveld | Umsebenzi wethutyana endaweni ka Elize Hess |

### Abanyuselweyo

| | |
|---|---|
| Leandra Minnaar | Umabhalana inqanaba 1: kulawulo lwezemihlaba |
| Angelo Ford | Umabhalana inqanaba II: irhafu |

### Abaqashwe kwinyanga ye-khala 2009

| | |
|---|---|
| Grant Forbes | Umphathi: e-Fernkloof reserve |
| Hanneen van der Stoep | Ophezulu: uyilo lwedolophu |
| Bususwe Mtatase | Umcedisi kwithala lencwadi e-Gansbaai unyaka omnye |

### KWANDISWE ITHUBA LENGQESHO KA SOLI



Ingqesho yethutyana ka Solomzi Madikane njengomlawuli wezophuhliso loqoqosho lwethu ngokwe Candelo 57 lomthetho womasipala landiselwe esinye isigaba, usodolophu, u Theo Beyleveldt uyazise entlanganisweni ebibanjwe kwinyanga yeSilimela yebhunga. Isivumelwano sakhe sengqesho besi phelelwa ekupheleni kwenyanga yeSilimela 2009. Simnqwenelela okuhle kwesisigaba silandelayo.

## ABAZALWA KWINYAGA YEKHALA

| IGAMA | UMHLA | ICANDELO | IDOLOPHU |
|---|---|---|---|
| Dodana, Thembinkosi | 1 Khala | Inkonzo zolawulo | HERMANUS |
| Maasdorp , Johan | 1 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| May, Wilma | 1 Khala | Inkonzo zabaphathi | HERMANUS |
| Mbadu, Malusi | 1 Khala | Inkonzo zolawulo | STANFORD |
| Potgieter, George | 2 Khala | Ulawulo lwendawo | HERMANUS |
| Mado, Sia-seth | 3 Khala | Ukuhanjiswa kwenkonzo | KLEINMOND |
| Miggel, Deon | 3 Khala | Ukuhanjiswa kwenkonzo | KLEINMOND |
| Nojubalala, Nobetwana | 4 Khala | Ukuhanjiswa kwenkonzo | HERMANUS |
| Solomons, Merle | 4 Khala | Ezabasebenzi | KLEINMOND |
| George, Nkululeko | 5 Khala | Ukuhanjiso kwenkonzo | HERMANUS |
| Makonza, Vusumzi | 5 Khala | Ukuhanjiso kwenkonzo | HERMANUS |
| Goosen, Daniel | 5 Khala | Ukuhanjiso kwenkonzo | GANSBAAI |
| Barends, Wilfred | 5 Khala | Ukuhanjiso kwenkonzo | STANFORD |
| Maritz, Winston | 6 Khala | Ukuhanjiso kwenkonzo | KLEINMOND |
| Kleynhans, Jaco | 6 Khala | Umbane | GANSBAAI |
| Joemat, Jakobus | 7 Khala | Ukuhanjiso kwenkonzo | GANSBAAI |
| Hess, Elize | 8 Khala | Iqumrhu lolakhiwo Nocwangciso | HERMANUS |
| Bangeni, Zanebhunga | 8 Khala | Ukuhanjiso kwenkonzo | KLEINMOND |
| Memanie, Samuel | 8 Khala | Ukuhanjiso kwenkonzo | GANSBAAI |
| Brikkels, Johannes | 9 Khala | Ukuhanjiso kwenkonzo | HERMANUS |
| Appelgrein, Phillipus | 9 Khala | Uceba | HERMANUS |
| Plaatjies, Wilhelm | 9 Khala | Umphathi wengingqi | STANFORD |
| Pharo, Eliza | 10 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Rooi, Daniel | 10 Khala | Ezokhuseleko | STANFORD |
| Nqoza, Xolisile | 10 Khala | Umbane | GANSBAAI |
| Bucchianeri, Lucinda | 11 Khala | Ezabasebenzi | HERMANUS |
| August, Sophia | 11 Khala | Ulawulo lwendawo | KLEINMOND |
| Coert, Errol | 11 Khala | Ulawulo lwendawo | KLEINMOND |
| Gardiner, Dean | 12 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Jongilanga, Xolani | 12 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | GANSBAAI |
| Ngova, Thami | 13 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Booysen, Frederick | 13 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | STANFORD |
| Damon, Christopher | 13 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | STANFORD |
| April, Jocabus | 14 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Engelbrecht, Carlouw | 14 Khala | Isebe lezeteknoloji | HERMANUS |
| Nofemela, Zakuthini | 15 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| White, James | 15 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | KLEINMOND |
| Ndoko, Abneri | 15 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Abrahams, Williem | 15 Khala | Ezokhuseleko | HERMANUS |
| Erasmus, Madelein | 16 Khala | Uyilo lwedolophu | HERMANUS |
| Carolissen, Lisl | 17 Khala | Ezokhuseleko | HERMANUS |
| Theron, Alischia | 17 Khala | Inkonzo zolawulo | HERMANUS |
| Olivier, Theo | 17 Khala | Ulawulo lwendawo | HERMANUS |
| Forry, Samuel | 17 Khala | uhanjiso lwenkonzo | GANSBAAI |
| Arries, Willem | 17 Khala | Assistant Area Management | STANFORD |
| Bruwer, Francois | 18 Khala | Ezombane | KLEINMOND |
| Faltyn, Mzoli | 19 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Sitemela, Eric | 19 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Arrison, Desiree | 19 Khala | Inkonzo zolawulo | HERMANUS |
| Aploon, Joseph | 20 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | KLEINMOND |
| Goeieman, John | 20 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | KLEINMOND |
| Abrahams, Jabes | 20 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | KLEINMOND |
| Herbert, Verrel | 20 Khala | Uceba | HERMANUS |
| Majavu, Mxolisi | 21 Khala | Isebe lezindlu | HERMANUS |
| Mantyi, Headman | 21 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Arthur, Angelo | 21 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | KLEINMOND |
| September, Donovan | 22 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | KLEINMOND |
| Griffiths, Samuel | 22 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | KLEINMOND |
| Bala, Sophia | 23 Khala | Ezemali | HERMANUS |
| Dyonta, Andile | 25 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Windvogel, Matthews | 25 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | KLEINMOND |
| Muller, Ernie | 25 Khala | Isebe lezeteknoloji | HERMANUS |
| Kawe, Phillips | 25 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | KLEINMOND |
| Calitz, Alida | 25 Khala | Uyilo lwedolophu | GANSBAAI |
| Ferreira, Petronella | 25 Khala | Ezokhuseleko | STANFORD |
| Martin, Douglas | 26 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Hansen, Godfrey | 26 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Stevens, Moneen | 26 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |
| Phillips, Gary | 26 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | GANSBAAI |
| Scholtz, Charles | 27 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | KLEINMOND |
| Pieterse, Franklin | 27 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | GANSBAAI |
| Scheffer, Anna | 28 Khala | Ulawulo lwendawo | GANSBAAI |
| Michaels, Neville | 29 Khala | Umphathi kamasipala | HERMANUS |
| Opperman, James | 29 Khala | Ezemali | GANSBAAI |
| Phillips, Pieter | 30 Khala | Uhanjiso lwenkonzo | HERMANUS |



Overstrand Personeelblad/Staff Newsletter

Phambili! Vorentoe/Forward

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality OVERSTRAND

Indaba 7/2009 Julayi/Eyekhala 2009

## INQAKU LOMHLELI

### ZOLANI NIYE PHAMBILI

*Inyhweba esinayo! Kubantu abaninzi uJulayi ufana nokungaliboni ikamva ingakumbi kulo nyaka wama-2009 obonakala enemingeni engazange ibe kho. Kodwa ke kuthi bakumasipala kuqala unyakamali omtsha kwaye kukho uchulumanco oluninzi ngokuphathelele kwiiprojekthi neenkqubo ezintsha esizicwangcisele eli thuba litsha.*

*UJulayi yinyanga yokujonga emva ujonge izinto ozenzileyo kunyaka-mali odluleyo utsho wenze izicwangciso zakho zonyaka-mali omtsha ukwenzela ukuphucula indlela oqhube ngayo.*

*Ukuba uziva unxunguphele emva kwezi nyanga zimbalwa bezixakeke kakhulu ngoku lithuba lokufunda iindlela ezintsha zokusinceda sithobe ubushushu, izinto ezifana negym okanye umbutho woluntu okanye wenze le nto yenziwa ngoogxa bethu: nihambe niliqela labahlobo niye kuzonwabisa ngempelaveki niche nilibale ngomsebenzi.*

*Akumangalisi ukwazi ukuba abanye abantu bayanxunguphala ngenxa yokungabi namali; sonke siyazi ukuba ihlabathi likwimeko embi yezoqoqosho nto leyo equka thina. Ewe, ndithe thina! Ndiyaniqinisekisa anisokuze nibe nemali eyaneleyo kodwa umzimba wakho ufuna ukuba udlamke utye ukutya okunempilo. Lo nto inokwenzeka kuphela ukuba uyawuvumela. Sonke sijongene nengxaki eyongezelelekileyo yemali yokuxhasa iintsapho zethu nokuhlawulela imizi yethu. Oku kuyasichaphazela kakhulu njengabase-benzi. Inye into ekufuneka siyenze, kuyisebenzisa ngobulumko imali yethu siwalumkele amatyala.*


*Kukangaphi usiva abantu bekhalaza ngokunyuka kwamaxabiso okutya nawepetroli nawokondla abantwana, awokonga abantu abadala. Masiyamkele le nto njengenxalenye yobomi. Unxunguphalo emoyeni alusoze luphele tu into esinokuyenza kukulucutha. Sikhangelele nje into yokuzonwabisa enomdla, uwuphucule umgangatho wempilo yakho wenze into eza kukususa kwizinto ezikunxunguphalisayo zikwenze ujonge phambili.*

*Abanye boogxa bethu bakhethe ukufunda, nto leyo eyenye kwezinokukhokelela empumelelweni. Iiklasi zika-ABET zisaqhuba. Ukuba ufuna ingcaciso ngazo unganxibelelana neofisi yezabasebenzi.*

*Boogxa bam kwangoku isenguJulayi ndifuna ukunicebisa ukuba ningajongi nje kuphela kolu nyusomivuzo lwasekupheleni kwenyanga. Endaweni yoko hlalani ngokungathi akukho nto izayo endaweni yokufumana udano. Landelani intetho yamaBhilitane yaphambi kweMfazwe yehlabathi II ethi: Zolani Niye phambili*

*Enough bahlobo!!!!*

*Side sibuye sibonane!!!!*



***NOLUTHANDO ZWENI***
*REDAKTEUR/EDITOR*

## IINKONZO ZOKHUSELEKO ZIHLENGAHLENGISWE NGALE NDLELA



*Rudi Frazer*



*Riaan Jacobs*



*Marius Hendricks*

Umjikelo wokugqibela wenkqubo yohlengahlengiso olwenziwazii-Nkonzo zoKhuseleko usanda kugqitywa kwaye kuqashwe kwiizikhundla eziphezulu ukususela ngomhla wo-1 Julayi 2009.

Ngokwale nkqubo isikhundla sikaManejala: Iinkonzo zoKhuseleko siphelisiwe kwaza kwadalwa amasebe amabini amatsha, EleZithuthi namaPhephamvume okuqhuba neloGcinomthetho nokhuseleko. Edibene neLezemililo neeNtlekele eli candela ngoku linamasebe amathathu.

Umnu. Neville Michaels, iNtloko: Iinkonzo zokhuseleko uthi oko wathi wangena esikhundleni sakhe kuDisemba wonyaka ophelileyo usebenzise eli thuba ekujongeni iimfuno zikamasipala nezoluntu ngokuphathelele kwezokhuseleko. Ukholelwa ekubeni le ndlela intsha yezikhundla iza kulinyusa inqanaba loncedo.

"Kuza kuba kho imfuneko enkulu yolawulo olunesiseko esisezantsi ukuqinisekisa ukuba ngalo lonke ixesha kukho inkokheli.

"Isakhiwo solawulo sangaphambili sasisetyenziselwa ukuqwalasela izikhundla ezisisiseko kangangokuba ezo zikhundla zazisaziswa apha ngaphakathi zivalwe. Ndiqinisekile ukuba kuqeshwe abantu abawaziyo umsebenzi nabanenkathalo. Ngaxalinye kubonelelwe ngamathuba okukhula nophuhliso," woleke watsho umnu. Michaels.

Kwimeko yeZolawulo-mililo neLawulo lweentlekele ayintloko yalo uRiaan Jacobs, iOverstrand yahlulwe yangamacandelo amabini ukwenzela ukunyusa umgangatho wokusebenza kakuhle. Igosa elilawula icandelo iGansbaai/Stanford nguBrian Lobb ukuze kwicandelo iHermanus/Kleinmond ibe nguJoe Schoeman. Uququzelelo lolawulo lweentlekele luza kulawulwa nguMarlu Rust ngeli lixa igosa eliphezulu kwezemililo uAngelo Apploon ejonge amakhesela angaphezulu kwamashumi amathandathu.

Isikhundla sentloko esingenamntu: EzeZithuthi neelayisenisi asiza kuvalwa nguRudi Fraser emva kokuba besingenamntu unyaka wonke. Oza kuba phantsi kwakhe nguLorenzo Isaacs oqashwe njengesuparinthendenti ephezulu kwezokusebenza kukamasipala ze uPatrick Africa abe yisupharinthendenti kwiilayisenisi. Iintloko zamacandelo engingqi nguXen Titus (Hangklip/Kleinmond), uStephen Drury (Hermanus) noAndré Malan (Gansbaai/Stanford). Kwicandelo leelayisenisi kufuneka umabhalana oyintloko we-E-Natis kwaza kwaqashwa uLesbury Smith kwesi sikhundla.

Ukusoloko silungele ukusebenza kube ngunobangela ophambili wokusekwa kwesebe elitsha elintloko yalo iza kuba nguMarius Hendriks. Uza kuxhaswa ngabahloli ababini, uAndre Lucas eGansbaai/Stanford noAbraham Prins eHermanus/Kleinmond. Iinkonzo zokhuseleko nonxibelelwano noHPP nabasebenzi bekhontraka ziza kuququzelelwa nguDawie Esau. Uza kuqinisekisa ukuba izinto zikamasipala zikhuselekile.

Umnu. Michaels unebhongo ngokuba kungabikho mfuneko yakuqasha umntu osuka ngaphandle kukamasipala. Unombulelo ngomsebenzi wabasebenzi bakhe kwezi nyanga zidluleyo bengasebenzeli ntlawulo besebenzela ukuba kusekwe icandelo elitsha – oko kuvuzwe kakuhle ngempumelelo. Ngaphezulu akukhange kufunwe mali yongezelelekileyo ukuhlawulela la macandelo matsha.

Sivuyisana kakhulu noogxa bethu ngokunyuselwa kwabo. Sininqwenelela okuhle ngoxanduva lwenu olukhulu.

## IINTSUKU ZOKUJONGA IMPILO PHAYA EKUPHELENI KUKA-JULAYI

Phaya ekupheleni kukaJulayi kuza kuba kho iintsuku zokujonga impilo yabo bonke abasebenzi beOverstrand kumaziko ahlukeneyo olawulo lwalo masipala.

Abasebenzi baza kuxilongwa ukuhamba kwegazi labo (i-blood pressure); kuxilongwe i-cholesterol neswekile; kujongwe ubunzima bomzimba; kuxilongwe amaehlo; kuhlolwe amazinyo (kumalungu kaBonitas kuphela) kwenziwe neentetho zezempilo ngeli thuba.

Imihla neendawo ziyalandela apha ngezantsi:

- Stanford: 15 Julayi, 09:00 – 12.00, IHolo yoLuntu;
- Gansbaai: 15 Julayi, 13:45 – 16:30, Iziko leNgcaciso;
- Hermanus: 16 Julayi, 08:30 – 13.00, eBanqueting Hall;
- Kleinmond: 16 Julayi,13.45 – 16.30, eTown Hall

Abasebenzi xa besiza kuxilongo lwezi ntsuku mabaphathe amakhadi abo e-medical aid akwaBonitas, okanye awakwa-L.A. Health okanye awakwa-Samwumed. Akuzi kubakho ntlawulo ngolu xilongo kodwa imibutho ye-medical aid ifuna ukuqinisekisa ukuba amalungu ayo ayile kolu suku.

Abafuna kuxilongwe i-cholesterol okanye iswekile kufuneka bangatyi iiyure ezingama-24 phambi kovavanyo, bangatyi ukutya okunamafutha kakhulu bangaseli iziselo ezineswekile eninzi okanye ukutya okuneswekile kuba loo nto ingaphazamisana neziphumo zovavanyo.

Ukwenzela ukuba izinto zihambe lula bhalisani amagama enu kumanejala wenu niwathumele nibhale namaxesha eniceba ukuza ngawo afike loo magama kuSister Marie du Plessis ngoLwesine 9 Julayi 2009.

## AMATHALA EENCWADI AKHUTHAZA ULWAZI LWAMAKHONDO ANOKUFUNDELWA





Njengenxalenye yoSuku lukaZwelonke lwaMathala eencwadi amathala eencwadi ale ndawo yethu elaseZwelihle, eMount Pleasant nelaseHawston adibene amema abafundi bezikolo zemfundo ephakamileyo bebamemela kusuku lokubakhuthaza ngamakhondo anokufundelwa, le ndibano yaseOverstrand Civic Centre.

Le ibiyindlela yokukhuthaza abafundi bematriki bonyaka wama-2009. Kukhuthaza kakhulu ukubona oogxa bethu becebisa uluntu lwethu nezikolo zendawo yethu.

Abafundi bematriki baseQhayiya nabaseHawston Secondary Schools babenakho ukulisebenzisa eli thuba bafunde ngamakhondo abebeceba ukuwalandela bafundiswe nangezifundo abanokuzithabatha xa bekhethe ukufunda kumanqanaba aphezulu emfundo.

Umnu Douglas Peterson wase-UWC ubesisithethi sosuku. Ubakhuthaze kakhulu abafundi wabanika nemizekelo ephathelele kwizifundo zabo.

Umsebenzi owenziwe ngoogxa bethu kule projekthi siwuqhwabela izandla kuba iza kubanceda abafundi bakuqonde ukubaluleka kweemviwo zabo zokugqibela nasekukhetheni amakhondo amabawalandele kwimfundo yabo. Ngale ndlela abasebenzi baselayibrari banegalelo ekudaleni uluntu olufundileyo.

Emfanekisweni abavela elayibrari: nguMicheal Sapepa, uLucille Wyngaard, uMarelda Coert, uWilma Gardner, uNomxolisi…………, uFrancina Philander, uBelinda May noPono Phuthumani.



## UCEBA OMTSHA

Ominyaka ingama-54 uAllan Berry nguceba omtsha we-wadi 3 equka iStanford neVoëlklip. Esi sisikhundla seDemocratic Alliance asiphumelele kunyulo lovalo-sikhewu obelungomhla wama-24 Juni 2009.

Eli gqwetha linamava amaninzi kwiinkundla zikamantyi nakweziphezulu, umnu. Berry uthi injongo yakhe kukumela iwadi yakhe kangangoko enokwenza.

Njengobekwalilungu lekomiti yewadi emele iStanford Info (Tourism and Business) uyazazi iimfuno zoluntu lwaseStanford kwaye uthi uza kujolisa ngokukodwa emisebenzini, kwezokusingqongileyo nophuculoloIuntu kule dolophu yakhe.

U-Allan ukhulele eKwaZulu-Natal, apho waphumelela khona imatrikhi eWestville Boy's High School wafunda izidanga ese-BA ne-LLB kwiYunivesithi yaseNatala.

Utshate noJanine. Uthanda ulondolozo-ndalo, imbali yoMzantsi Afrika nenkcubeko, ukuloba, ukufuya iinyosi, ukusebenza ngamaplanga, ukwakha izakhiwo zokwenza isiboniso nokusebenza egadini.

Siyamamkela xa engena kumsebenzi kamasipala kananjalo simnqwenelela konke okuhle.

## ABAFUNDI BAKA-ABET BAZA KUNQANDWA ZIINKWENKWEZI

Abafundi ababini abangoogxa bethu abafunda imatriki kulo nyaka abamthanda kakhulu uAdult Basic Education and Training (ABET) baza kunqandwa ziinkwenkwezi.

Abanye bethu bayamazi uFrancina Philander owaqala ukusebenza kwamasipala ngowe-1993 esebenza njengomcoci enebanga le-7. Ungomnye wabafundi ababini bematriki abaza kubhala iimviwo zabo zokugqibela ngoMeyi kulo nyaka uzayo.

Wayesoloko esazi ukuba ufuna ukuyongeza imfundo yakhe koko kube nzima ukuya esikolweni sasemini njengoko etshatile enosapho. Kodwa ngenxa yokuba umsebenzi wethu unika amathuba abantu abafana noFrancinaokuba baqhubeke nemfundo yabo wabhalisa ku-ABET kwiklasi ka-Ms. Augusta Marshall yowe-1996 kwaye ukususela ngoko akazange aphinde ajonge emva.

Kulo nyaka ufunda imatriki kwaye ufunda kakhulu ukwenzela ukuba asifumane isiqinisekiso sakhe kulo nyaka uzayo. Qho ngoLwesithathu uFrancina uya eklasini ukususela ngeye-18:00 de kube yeyama-22:00 eHawston High School. Ungafane ucinge ukuba kunokuba kunzima kangakanani ukusebenza emini ebusuku ube sesikolweni.

Ukubhalisa kwakhe kule klasi nokusebenza kwakhe kakuhle kumnike ithuba lokuba onyuselwe abe ngumncedisi kwilayibrari yaseHawston. Ukwakholelwa ukuba ukusebenza ngeencwadi imini yonke yonke imihla kube negalelo kwizifundo zakhe. Ngethuba lokuphumla lasemini udla ngokuthatha incwadi ayifunde de aboleke eyokufunda ekhaya.

Umnqweno kaFrancina kukuphumelela imatriki ukuze ukuba ixesha liyamvumela afundele ukuba ngusolayibrari. Amazwi ache koogxa bakhe kukuba bangaze banikezele bangawalandeli amaphupha abo kananjalo akukho mntu makathi “Ndimdala andinakuphumelela”. Ukholelwa ukuba yonke into ixhomekeka engqondweni yomntu ngako oko imfundo ayigugelwa.

Omnye ugxa wethu osebenza kakhulu esongeza imfundo yakhe nguGeorge Hendricks. UGeorge waqala ukusebenza ngowe-1992 kulo nyaka ke une-16 leminyaka esebenza. Waqala njengomsebenzi jikelele kwiSebe laManzi eeMpuphuma neeNdlela waza wathi chu wenyuka de wafikelela kwinqanaba lokuba yi-supervisor ephezulu kwakweli sebe.

Naye uthathe isigqibo sokuba abhalise kwiiklasi zika-ABET. UGeorge ukholelwa ukuba imfundo sisitshixo sempumelelo. Waqala kwinqanaba le- 4 kulo nyaka wenza imatriki, uza kubhala iimviwo kulo nyaka uzayo ngoMeyi. Isicwangciso sakhe sexesha elizayo kukuba abhalise kwenye yeeyunivesithi afundele ubunjineli.

Aba bafundi babini bakaGreyidi 12 bakholelwa kwinto yokuba kukusebenza nzima kuphela okubenze bakule ndawo bakuyo ngoku kwaye banqwenela ukuba abanye oogxa babo bangafunda kubo. Sibanqwenelela impumelelo kwizifundo zabo.

Ukuba la mabali akukhuthazile ukuba unqwenele ukwenza into efana nale unganxibelelana no- “Juffrou” Marshall ku-028 315 1652 okanye ku-072 533 7313 ufumane iinkcukacha ezongezelelweyo nge-Adult Basic Education and Training.



*Francina Philander & George Hendricks*






# UVUYO NO SIZI



## UKUBONISA INDLELA YOKUNXIBA

Isihlobo sethu uMiko sibuyile kwakhona kule nyanga size kusibonisa indlela yokunxiba. UMiko ubonisa nge-jean ayinxibayo kwaye ukholelwa ukuba akukho namnye kwamasipala onxiba njengaye. Ukuba ucinga ukuba akathethi nyani sakukhe sibone! Sithumelele ifoto yakho onxibe wamanzi kuyo, sibone emva koko ke.






## AMAGOSA AVULA IINTLIZIYO ZAWO

*Abasebenzi baseHermanus bathe besakuva kumaphephandaba ngemeko kaChrisma Plaatjies waseHawston aseka isitha sokuqokelela imali. Oogqirha bafumanise into ekhulayo apha ebuchotsheni bakhe kwaye ayinakususwa ngotyando. Ngoku sevaleke namehlo akaboni ngako oko kufuneka enyangwe kwisibhedlele iTygerberg. Unina ulikhesela egaraji kwaye uhamba nzima ngasezimalini. NgoMvulo umhla wama-29 Juni uSodolophu uTheo Beyleveldt unikezele kuye ngomkhonto wabasebenzi bakamasipala wadlulisa nomyalezo weminqweno emihle ngonyango nokuba intombazana ize ikhawuleze iphile. UChrisma unethemba kakhulu kwaye uyakholelwa ekubeni uza kuphinda akwazi ukubona akwazi ukuqhubeka nesikolo ungaphelanga lo nyaka. Amagosa akhuthaza uluntu ukuba limxhase lixhase nomama wakhe. Nibokunceda nimbeke uChrisma nomama wakhe xa nithandaza. Apha efotweni ukusuka ekhohlo ukuya ekunene nguGeorgia Willemse noLyall Tait, abasebenzi bakamasipala abasungule eli phulo lonyuso-ngxowa-mali, uChrisma, uSodolophu uBeyleveldt, uRebekka, umama wakhe, noSekela-Sodolophu uVerrell Herbert.*

## MASIZINIKE ITHUBA LOKONWABELA IZINTO EZIMNANDI NEZONWABISAYO





Amaxesha amaninzi sizifumana sikwimeko yokubopheleleka kwizinto zemihla ngemihla zokuxakeka kwethu, siya emsebenzini, sijonge iintsapho zethu, zizifundo zethu ngapha, ngabantwana ngaphaya, umsebenzi wesikolo wabantwana, zezemidlalo zabantwana, ziintlanganiso zethu, njalo njalo, de silibale tu ngeziqu zethu! Asikhe sithathe ikhefu, siphumle, sonwabele imimangaliso yendalo.

Beyiqonda kanye le nto, beqhutywa ngumdla wezinto ezingaqhelekanga, ibathwana loogxa bethu abangamagorha bayibone iyinto elungileyo ukwenza kanye loo nto! Banduluke baya kwiphulo lolonwabo beqhutywa ngamandla obushushu begazi.

Intsasa yayintle, umoya upholile, ibala lemidlalo limangalisa, sivakala ngokucacileyo isandi seebhola zepeyinti. Ngoko nangoko kwasukwa kwayiwa etyholweni waqala umdlalo. Bahlasela bakhusela, badubula badutyulwa, baziqengqa entlabathini, bazimela emthini, abanye bazizinto zokuqhatha! Ngephanyazo iiyure ezimbini zasele zidlule banqwenela ukuba ngaske balibambe ixesha lime ngxi.

Kwayiwa kwenye indawo yemidlalo. Ngoku zeza nqwelwana ngathi yibhayisekile kodwa inamavili amane. Ezi zinto ziyakwazi ukuphakama zibe ziwe, zinyuke naliphi na iqhina elingathi alinakunyukeka. Balandela umzila ohambe wahamba wangena kwisidiliya.

Apha endleni kukho ibhosisi, ikufuphi kangangokuba bakwazi ukuyiphatha, nelo vumba limnandi leediliya nelemindquma lalivuzisa izinkcwe. Hayi ubuhle bale ndawo!babekhululekile bonwabile kobu bunewunewu bendalo. Obunje bona ubuhle abunakulinganiswa nanto!

Zadlula ezinye iiyure ezimbini emva koko baya efama. Bamkelwe livumba elimnandi lenyama eyojiweyo, kumnandi kuyiloo nto. Ayikho enye indlela yokuzihlaziya enokuyogqitha le. Enjani yona imini!